



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**ISIGABA ESIPHEZULU**

**IBANGA LESI 9**

**NOVEMBA 2016**

**ISIXHOZA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO IPHEPHA LESI -3**

**AMANQAKU:** 60

**IXESHA:** 2 iiyure



\* 9 X F A L 3 \*

Olu viwo lunamaphepha ama -4.

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linama CANDELO AMABINI:  
ICANDELO A: ISINCOKO  
ICANDELO B: EZONXIBELELWANO
2. Fundisa YONKE imibuzo kakuhle.
3. Cinga, uqiqe phambi kokuba ubhale.
4. Phendula YONKE imibuzo ngesiXhosa.
5. Sebenzisa amagama amkelekileyo olwimi xa uphendula.
6. Bhala ngokucacileyo, nangokucocekileyo.
7. Nombola imibuzo yakho kanye ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

**ICANDELO A: UKUBHALA ISINCOKO****IMIGAQO**

1. Khetha isincoko sibe SINYE kwezi zilandelayo, ubude bube phakathi kwamagama angama 210-250.
2. Bhala umbuzo lowo uwukhethileyo kunye nesihloko eso njengoko sibhaliwe.
3. Isincoko sakho masibe namanqanaba afanelekileyo.
4. Bhala amagama ngobunono ukuze ubhale inani ekuggibeleni kwesincoko.

**UMBUZO 1**

Iholide zeKrisimesi zowama-2014.

Bhala esi sincoko usibalisela ngezi holide zingentla. Balula izinto othe wazithanda nongazithandanga.

[40]

**UMBUZO 2**

Inkululeko kweli lizwe lase Mzantsi Afrika ixhanyulwa/yenzelwe abantwana kuhphela, abantu abadala ibabeka ecaleni.

Xoxa ngesi sihloko, kutheni ucinga ngolo hlobo nje? Xhasa ngezinto okanye iziganeko ezibangela ukuba uqiniseke ngalomba.

[40]

**UMBUZO 3**


Unxibelewano kule mihla sikuyo.

Chaza iindlela zonxibelewano ezisetyenziswa kule mihla, umana ukuzithelekisa nezamandulo/kudala. Ukubaluleka kwazo nokungabaluleki.

[40]

**UMBUZO 4**

Qwalasela umfanekiso ongezantsi uze uyile isincoko ngawo. Sinike isihloko esifanelekileyo esihambelana nomfanekiso. Cwangcisa izimvo zakho ngokulandelana kwazo.



[40]

**UMBUZO 5**

'Xa ndinokuba ngumphathiswa wezemfundo'

Bhala esi sincoko sicamngcayo usixeletele izinto onokuzenza xa inokuba nguwe lowo.

[40]

**AMANQANKU ECANDELO A: 40**

**ICANDELO B: IITEKISI ZONXIBELELWANO****IMIGAQO**

1. Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso phakathi kwamagama angama 140-160.
2. Bhala umbuzo kunye nesihloko njengoko kubhaliwe.
3. Hlela ngendlelala efanelekileyo ukuze izimvo zakho zilandelelane.
4. Bhala inani lamagama owabhalileyo ekuggibeleni kwephepha.

**UMBUZO 6: ILETA YOBULHOBO.**

Bhalela umhlobo wakho ongaphumelelanga ibanga lesi-9. Velana naye ube sele umkhuthaza ukumnika amandla kwakho.

**[20]****UMBUZO 7: ISAZISO SENTLANGANISO NE-AJENDA.**

Bhala isimemo sentlanganiso yolutsha apho kuzakube kuxoxwa ngezinto ezidla ulutsha. Emva koko uqulunqe/wenze i-Ajenda yilosuku lwentlanganiso.

**[20]****UMBUZO 8: ISIVI**

Ufuna umsebenzi wethutyana kwivenkile yeempahla kwidolophu ekufutshane nawe. Yenza isivi yakho ukuze uyingenise nanjengoko ifuneka, zama ukuzithengisa ukuze bayibone imfuneko yakho kwelishishini.

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B:** 20  
**AMANQAKU EWONKE:** 60

